# IPALAMENTE YEPHONDO LENTSHONA KOLONI

## VAKALAISA ULUVO LWAKHO

**AMANGENELELO NOMANYELO-ZIMVO ZOLUNTU NGOMTHETHO OSAYILWAYO WOLUNGISO WOPHONONONGO NENKXASO YOOMASIPALA WENTSHONA KOLONI, 2023 [B 8–2023]**

IKomiti eSisigxina kuRhulumente woMmandla, iMicimbi yezokusiNgqongileyo noCwangciso loPhuhliso yePalamente yePhondo leNtshona Koloni iza kuqwalasela uMthetho oSayilwayo woLungiso woPhononongo neNkxaso yooMasipala weNtshona Koloni, 2023 [B 8–2023] njengenxalenye yamaxanduva ayo omgaqo-siseko.

Injongo yoMthetho oSayilwayo woLungiso woPhononongo neNkxaso yooMasipala weNtshona Koloni, 2023 [B 8–2023] kukulungisa uMthetho woPhononongo neNkxaso yooMasipala weNtshona Koloni, 2014 (uMthetho 4 ka-2014), ukuze kufakelwe iinkcaza; ukubonelela kuMphathiswa wePhondo ukuba acele nawuphi na umasipala okanye uluhlu lukamasipala ngesaziso kwi*Gazethi yePhondo* ukuba angenise ulwazi kwinqwanqwa elixeliweyo lephondo; ukubonelela ngofikelelo kwiirekhodi zikamasipala ngexesha lovavanyo okanye uphando ngamacandelo asebenzayo athile ephondo; ukubonelela ngesikhundla samagosa enkxaso koomasipala; ukubonelela ngesikhundla segosa lenkxaso yephondo; ukulungisa izibonelelo ezibonelela ngentsebenziswano phakathi kukamasipala kunye neSebe; ukubonelela ngemigaqo yophononongo olubonakalayo loomasipala; ukubonelela ngemigaqo kuhlolo, ukuzuza nokwenza iikopi zeerekhodi kwiimeko ezixeliweyo; ukubonelela kuMaphathiswa wePhondo kwibhunga likamasipala elingqalileyo ukuqhuba uvavanyo lwasekuqaleni xa efumana izityholo ezithile; ukugunyazisa uMphathisw awePhondo ukuba alindele isiphumo sophando ngamanye amanqwanqwa ombuso phambi kokuba athabathe inyathelo phantsi kwecandelo 106 loMthetho weeNkqubo zooMasipala okanye lo Mthetho; ukulungisa iimfuno ezinxulumene novavanyo oluza kwenziwa nguMphathiswa wePhondo phambi kokunyanzelisa icandelo 106(1) loMthetho weeNkqubo zooMasipala; ukulungisa imigaqo xa kunyanzeliswa ela candelo; ukucima iimfuno zokunika ingxelo ezithile; ukubonelela ngemiba uMphathiswa wePhondo angenza ngayo imigqaliselo; ukungenisa ezinye iizphoso; kwanokubonelela ngemiba enxulumene noko.

Abo banomdla ebonisaneni kuye neKomiti eSisigxina bangangenisa iintetho ezibhaliweyo (i-imeyile: jcoetzee@wcpp.gov.za) okanye benze iintetho zomlomo ngokuthumela amanqaku elizwi kuWhatsApp (inombolo yomnxeba kanomyayi: 082 921 2242), kwaye bangaphinda bacele ukuvela phambi kwale Komiti ukuze benze iintetho zomlomo.

Onke amangenelo kunye nezicelo zokuvela phambi kweKomiti eSisigxina mazifike kwiKomiti eSisigxina ungadlulanga owama-24 Januwari 2025.

Amangenelo angqalileyo, imibuzo nezicelo mazifike kuMnu Johan Coetzee (umnxeba: 021 487 1717 okanye i-imeyile: jcoetzee@wcpp.gov.za). Nceda uquke igama lakho elupheleleyo kunye nedilesi ye-imeyile kwanenombolo yonxibelelwano xa ungenisa iintetho kwiKomiti eSisigxina.

Le Mithetho iSayilwayo uyafumaneka kwiwebhsaythi yePalamente yePhondo leNtshona Koloni eyile: www.wcpp.gov.za.

Iikopi zeMthetho eSayilwayo ziza kuthunyelwa kubantu abanomdla xa ziceliwe.

